ISIXHOSA SECOND LANGUAGE SG PAPER 1

Mandithathe eli thuba ndincome abafundisi-ntsapho bebakala leshumi elinesibini ngomsebenzi omhle abawenzileyo kulo nyaka ka-2003. Indlela abavavanywa abawaphendule ngayo amaphepha eemviwo ibonisa ukuba baqeqeshiwe. Kuluvuyo ukubona abavavanywa bengamangqina wokuba abafundisi-ntsapho bawenzile ngononophelo umsebenzi wabo wonyaka. Nangona zikhona izikolo ezibonise ukungaqiniseki ekuphenduleni imibuzo ethile, ingakumbi ICANDELO B (ushwankathelo) basebenzile kakhulu nabo abafundi. Kunyaka ozayo kufuneka abafundisi-ntsapho bagxininise kakhulu kweli candelo loshwankathelo, njengoko abavavanywa beya kutsalelwa amanqaku ngokungaphenduli ngendlela efanelekileyo.

Indlela abavavanywa abasebenzise ngayo ulwimi yenze umdla kakhulu kubavavanyi. Ngalo mazwi sithi “Nangamso” kuBafundisi-ntsapho.

Enkosi